Obekekileyo oza kuba yiMatie eNtsha

**IMIBUTHO YABAFUNDI ABAKHWELAYO BEYINIVESITHI YASESTELLENBOSCH**

Sivuyisana nawe ngokwamkelwa okwethutyana kwinkqubo yezifundo kwiYunivesithi yaseStellenbosch (iSU). Siyavuya kuba ucinga ngokuzibandakanya noluntu lwaseMatie ngo2026.

E-SU, malunga nomyinge wama76% wabafundi bahlala kwiindawo zokuhlala zabucala endaweni yokuhlala eyunivesithi. Abafundi abangahlali kwiindawo zokuhlala zekhampasi yeSU babizwa ngokuba ngabafundi abakhwelayo, kuba bekhwela ukuya nokubuya kwiYunivesithi besuka kwiindawo zabo zokuhlala zabucala. Ukuxhasa aba bafundi kunye nokubanceda bazive benxibelelene nobomi basekhampasini, iSU inenkqubo esekwe kakuhle yeMibutho yaBafundi abaKhwelayo (iiCSC)**.**

**Yintoni iMibutho yaBafundi abaKhwelayo?**

Imibutho yaBafundi abaKhwelayo (iiCSC) ngamaqumrhu eSU axhasa abafundi abahlala kwiindawo zokuhlala zabucala. Le mibutho ilawulwa yiYunithi yeMibutho yaBafundi abaKhwelayo (iCSCU) ngaphakathi kwiZiko loBomi boMfundi nokuFunda (iCSLL) kwaye ikhokelwa ziinkokeli zabafundi ezinyuliweyo.

IiCSC zibonelela ngokufikelela kwezemidlalo, kwezenkcubeko, nakwimisebenzi yezentlalo, kunye namathuba ophuhliso lobunkokeli. Iinkalo eziphambili zeeCSC yinkqubo yokucebisa, apho abasandul' ukufika badityaniswa nabacebisi babafundi abaqeqeshiweyo nabanamava abancedisa ukuzinza, ukwenza unxibelelwano, kunye nokulungelelanisa ubomi baseyunivesithi.

Ukuxhasa abafundi abakhwelayo, iiCSC zidibanisa ubandakanyeko olungobuqu nolo lwenziwa kusetyenziswa ubuxhakaxhaka bale mihla, nto leyo eyenza kube lula kubafundi abangahlali ekhampasini ukuba bathathe inxaxheba kwizinto zemfundo nezentlalo naxa bengekho ekhampasini okanye besiya okanye bebuya ekhampasini.

IiCSC zikwanxulumene nenkqubo yeQela leSU, edibanisa iindawo zokuhlala ezincinci, iiCSC kunye neendawo zokuhlala zibe yimibutho emikhulu ekwabelwana ngayo. Ngokusebenzisa amaQela, abafundi abakhweleyo banokusebenzisana noontangandini abahlala kuzo, bafikelele kumaziko aseyunivesithi afana neendawo zokufunda kunye neendawo zokuzonwabisa, kwaye bathathe inxaxheba kwimisitho yeQela. Oku kunceda abafikayo benze ubuhlobo, bazive beyinxalenye, baze bazibandakanye ngokupheleleyo kubomi basekhampasini.

Ngokubonelela ngala mathuba acwangcisiweyo kunye nothungelwano lwenkxaso, iiCSC zinceda abafundi abazihambelayo ukuba bazimanye nobomi beyunivesithi yaseStellenbosch, bathabathe inxaxheba kwimisebenzi enxulumene nekharityhulamu, kwaye baphuhlise izakhono zokuphumelela ezifundweni, ngokobuqu, kwaye balungiselele ubomi ngaphaya kweyunivesithi.

**Indawo yokuhlala noBulungu**



Centre for Student Life and Learning | Student Affairs | iMiba yaBafundi | IZiko loBomi boMfundi nokuFunda | Studentesake | Sentrum vir Studentegemeenskappe
+27 21 808 3064 | ssg@sun.ac.za | www.sun.ac.za
Private Bag X1 | Privaat Sak X1 | Matieland 7602 | South Africa | eMzantsi Afrika | Suid-Afrika

NjengeMatie eNtsha elindelekileyo, kubalulekile ukuqaphela ukuba **iiCSC AZIBONELELI ngendawo yokuhlala abafundi.** Ukuba awuyi kuhlala kwindawo yokuhlala yeyunivesithi, kuza kufuneka uzilungiselele indawo yakho yokuhlala phambi kokuqala konyaka wokufunda.

**Ubulungu kwiCSC bunikezelwa ngokuzenzekelayo kubo bonke abafundi ababhalisiweyo beYunivesithi yaseStellenbosch.** Imirhumo yobulungu kumbutho inyanzelekile kwaye iza kutsalwa kwiakhawunti yabafundi abakhwelayo de bagqibe izifundo zabo zee-onazi. Ungakhangela kwincwadana yeMirhumo yaBafundi ka2026 ukuba ufuna iinkcukacha ezithe vetshe malunga nale mirhumo.

Abafundi abenza isidanga sokuqala babelwa kwenye yeeCSC ezilishumi elinanye **ngokoMgaqonkqubo wokuBekwa eSU (*SU Placement Policy*)**, kwaye olu lwabiwo luhlala lufana lonke ixesha lezifundo zabo. Abafundi abavumelekanga ukuba bahambe phakathi koluntu xa sele babiwe.

Ilishumi imibutho yabafundi abakhwelayo kwikhampasi yaseStellenbosch ngelixa umnye kwikhampasi yaseTygerberg. Yonke le mibutho ibonelela ngomgangatho ofanayo wenkxaso yezemfundo nezentlalo, kwaye amalungu ayakwazi ukufikelela kwiziseko eziphakathi kweqela lawo. Iifakhalthi zemfundo zikwabela abafundi kumaqela okufundisa ngokusekwe kulwabiwo lwabo lwamaQela.

Ubulungu kwiCSC bubonelela ngofikelelo kwikhampasi yeSU yobomi bendalo, bunceda abafundi bazibandakanye kumathuba ophuhliso nawentlalontle ngalo lonke ixesha labo eStellenbosch.

**Ileta yolwabiwo ebonisa umbutho oza kuba kuwo iza kuthunyelwa phambi kokuphela kweyeNkanga ka2025. Uza kufumana incwadana yolwamkelo neyokuziqhelanisa eyeyakho evela kumbutho owabelwe kuwo embindini wenyanga yoMnga ka2025. Le ncwadana iza kuchaza zonke iinkcukacha zenkqubo yokwamkelwa kunye noqhelaniso ngo2026.**

Njengoko kuphawuliwe ngasentla, iiCSC aziboneleli ngendawo yokuhlala yabafundi kwaye ngenxa yoko iYunithi yeMibutho yaBafundi abaKhwelayo ayinakukunika ulwazi malunga nendawo yokuhlala yabucala. Nangona kunjalo, nceda undwendwele le webhusayithi ililandelayo, apho uza kufumana uncedo malunga nalo mba:
https://www.su.ac.za/en/apply/undergrad/accommodation/private-accommodation

**Ngemibuliso efudumeleyo yeMatie,**
**IYunithi yeMibutho yaBafundi abaKhwelayo**
**CSCU@sun.ac.za**

